

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA I  
ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER I**

Ixesha: 2½ liyure

Amanqaku: 100

---

**QAPHELA**

1. Eli phepha linamacandelo amane.

ICANDELO A: Izicatshulwa (30)

ICANDELO B: Ushwankathelo (10)

ICANDELO C: Imibongo (30)

ICANDELO D: Ukusetyenziswa kolwimi (30)

2. Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.

3. Funda ngenyameko uze uphendule imibuzo ngokwemiyalelo yayo.

4. Umthamo wependulo mawukhokelwe ngamanqaku.

5. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

6. KwiCandelo C **unyanzelekile** ukuba uwuphendule **Umbuzo 3.1**, umbongo ongamiselwanga.

7. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

8. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
-

## ICANDELO A IZICATSHULWA

### UMBUZO 1

- 1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo ngenyameko uze uphendule imibuzo engezantsi kwaso:

#### IZIYOBISI



- 1 Iziyobisi ziyingozi kuba ziyalibulala ilizwe, ziyayitshintsha ingqondo nesimilo somntu. Iziyobisi zilibulele ilizwe ngakumbi ulutsha. Umntu ozisebenzisayo uye enze izinto ezimbi kakhulu. Iziyobisi zidala isibindi nokuzithemba, umntu acinge ukuba nguye yedwa umntu onamandla. Umntwana uye angabamameli abazali bakhe. Uthi umntu akuzitya iziyobisi axhomise, abe, axabane okanye angahlalisani kakuhle nabanyeabantu, uye adlwengule de abulale. Ingxaki enkulu yindlela ezisetyenziswa ngayo nomlinganiselo wazo ungaphaya. Abantu abaninzi bayazixuba ezi ziyobisi.
- 2 Zininzi iindidi zeziyobisi. Kukho ezesemthethweni ezifana namayeza, ezi ziphuma ngemvume kagqirha. Kukho ezingekho mthethweni, ezi ke akuvumelekanga ukuba zenziwe, zithengiswe okanye zisetyenziswe. Ukuba bekusiya ngokokholo lwabantu abazisebenzisayo, uRhulumente ngephumeza umthetho ogunyazisa ukuba zithengiswe, zisetyenziswe elubala. Iziyobisi zisetyenziswa ngabantu ngabantu, kwiimeko ngeemeko, ngeendlela ngeendlela. Abantu bazisebenzia kakhulu iziyobisi kuba abasebenzi okanye abaphangeli kwaye imisebenzi inqabile. Ezi meko zibangela ukuba iziyobisi zinwenwe. Kulula ukujoyina amaqela asebenzia iziyobisi kodwa kunzima kakhulu ukuphuma. Iziyobisi ezixhaphakileyo zezi: yintsangu, utywala, iglu, *icocaine*, *nicotine*, *i-LSD*, *steroids*, *imandrax*, *i-ectasy*, *iheroin*, njalo-njalo. Abantu bayazisela, bayazifukutha bazitofe ngeziyobisi besebenzia iinaliti.

- 3 Iziyobisi ziinzuko kubantu abazithengisayo. Zisithathela abantu sibathanda. Zitshintsha ubuhlobo kuvele ubutshaba nentiyano. Abasebenzisi bazo zibenza babe nolunya, bangabi nambeko nantloniph. Kuphela isidima sabo. Intwana encinane umntu athe wayisela yotywala yenza loo mntu afune ukuzula apha esithubeni. Emva koko lo mntu uphathwa yibhabhalaza. Uthi akutshaya umntu aphinde anqanqattheke afune icuba. Akukhathaliseki nokuba iziyobisi zivumelekile – oko kukuthi zisemthethweni – okanye azivumelekanga, ziyasetyenziswa ngabantu.
- 4 Iziyobisi zinobungozi empilweni yomntu kwaye zineziphumo ezibi. Zinako ukumenza umntu aphelelwie ziingqondo abe ligeza. Zenza abantu babe zizilwanyana. Iziyobisi kwabanye abantu zenza amalungu omzimba angasebenzi kakuhle. Iziyobisi ziyababulala abanye abantu. Kubuhlungu ukubona bantwana beyoba ziziyobisi Ulutsha luye luthengise izinto zexabiso zabazali babo kuba befuna ukuthenga iziyobisi. Iziyobisi zisithathela abantu esibathandayo. Zitshintsha ubuhlobo kuvele iintshaba.
- 5 Iziyobisi zenza abantu baphelelwie yimbeko. Abantu abasebenzisa iziyobisi benza izinto ezimbi elubala bejungiwe kuba abanazo iintloni. Icebo kukuba zivalwe aphi zivela khona ezi ziyobisi. Kufuneka kubanjwe abantu abazithengisayo nabantu aba bazithengayo. Abantu mabangavunyelwa ukuba baye kwiindawo aphi kuthengiswa khona iziyobisi. Makuyekwe ukusetyenziswa kweziyobisi, maziyekwe izenzo zobubi, makulawule ubuntu. Phantsi ngeziyobisi, phantsi ngemikhwa nemikhuba yazo!
- 6 Kuni lutsha ikamva lelenu, balumkeleni ootsotsi abafuna ukuphila ngani. Bajikelezisa izitulo, bakhupha imiyalelo, bahlala tofo-tofo kamnandi. Lutsha, yahlukanani nokufuna ukuphila ubomi obumnandi ngokusebenzisa iziyobisi. Aba tsotsi baniqhatha ngokunirhalisela ngemali efumaneka lula, lo ndlela lula uyakunisa engcwaben, nife nisebancinane.

[Sithathwe kwincwadi-*Igrama noncwadi LwesiXhosa 12* saze salungiselelwa uFAL ngabakwa-IEB]

Iglosari	
Axhomise	Akhuthuze
Ezixaphakileyo	Ezaziwa kakhulu
Zinako	Ziyakwazi
Izinto zexabiso	Izinto ezidulu/duru
Elubala	Ekuhleni/bengazifihli
Imikhwa/imikhuba	Izenzo ezimbi

### 1.1.1 Kumhlathi woku-1:

- (a) Ziyingozi njani iziyobisi? Nika izizathu zibe **zibini**. (2)
- (b) Ngoobani ababulalwa kakhulu ziziyobisi? (1)

### 1.1.2 Kumhlathi wesi-2:

- (a) Nika isizathu esibangela ukuba abantu basebenzise iziyobisi. (1)
- (b) Bhala iindidi zibe **zibini** zeziyobisi. (2)

- 1.1.3 Kumhlathi wesi-4, iziyobisi ziyingozi njani empilweni yomntu? (2)
- 1.1.4 Kumhlathi wesi-5, umbhali ucebisa ukuba kwenziwe ntoni ngabantu abathengisa iziyobisi nabazithengayo? (2)
- 1.1.5 Bhala phantsi umyalezo wombhali weli nqaku. (2)  
**[12]**

## 1.2 Funda le ncoko uze uphendule imibuzo:



(Kusedolophini eRhini. UWela unxibe impahla ezimdaka ezikrazukileyo. Uphathise umntu owehlika ebhasini impahla. Udibana noLizo awayekhula naye. ULizo ukhumbule indlela awayebhulishwa ngayo nguWela besafunda esikolweni.)

**Lizo:** Molo mhlobo wam, usandikhumbula?

**Wela:** Andikukhumbuli, ungubani kanene?

**Lizo:** Mamela ke ndikuxelele. Ndandifuna ukuba ngumhlobo wakho esikolweni, waze wena awandifuna. Ndingulo wawudla ngokumthathela imali yokuthenga *etuck shop*. Uyandikhumbula ke ngoku?

**Wela:** Owu! Uthi wawubhulishwa ndim?

**Lizo:** Phulaphula kakuhle Wela. Esikolweni wawusoloko undikhaba ngezihlangu ndilila yonke imihla.

**Wela:** Ndicela imali yesonka ndilambile.

**Lizo:** Mamela apha Wela, ndifuna undazi. Ndim Iowa wawumkhaba, umbetha. Uyakhumbula ukuba wawundithuka ude undithufele ngamathe?

**Wela:** (Eneentloni) O-o! U ... u ... uLizo! Lizo Mbeki! Mfondini, andikholelwa! Molo mfondini. Nguwe lo Lizo? Yhee mfondini, yimoto yakho le intle kangaka?

**Lizo:** Ewe, Wela yimoto yam le. Inene ubomi yenze into. Kule minyaka mininzi sahlukanayo, ndaye ndafundela ubugqwetha. Ngoku ndivule i-ofisi apha eRhini.

**Wela:** (Elila) Lizo, Lizo, ndicela uxolo. Nceda undixolele.

**Lizo:** Ndikuxolele, Wela. Qha ndifuna wazi ukuba ukundibhulisha kwakho esikolweni kwandenzena ndomelela. Ukusukela ngoku, mna nawe singabahlolo. Khwela sihambe, siza kusebenza kunye.

[Sithathwe kwincwadi-Ukhanyo saze salungiselelwa uFAL ngabakwa-IEB]

Iglosari	
-thufela	-tshicela

- 1.2.1 Ingaba uLizo wayefuna ukuba ngumhlobo kaWela ngokuya babesesikolweni? **EWE okanye HAYI?** Xhasa impendulo yakho **ngokucaphula** kule ncoko. (2)
- 1.2.2 UWela wayempha uLizo imali yokuthenga *eTuck Shop*. **YINYANI okanye BUBUXOKI?** Xhasa impendulo yakho **ngokucaphula** kule ncoko. (2)
- 1.2.3 Chaza ukuba uLizo wayebhulishwa njani nguWela. Nika iindlela zibe zibini. (2)
- 1.2.4 Ucinga ukuba uLizo ungumntu okhohlakeleyo okanye ungumntu olungileyo? Xhasa impendulo yakho **ngokucaphula** kule ncoko. (2)
- 1.2.5 Ingaba ukubhulisha abanye abantwana ezikolweni kuyinto elungileyo? **EWE okanye HAYI?** Xhasa impendulo yakho ngokubhala izizathu zibe zibini. (2)  
**[10]**

1.3 Funda lo mhlathana ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo:

**SIBANYE PHAMBI KOBUSO BUKATHIXO nguN.P.Jaxa**

- 1 Kwakukho umfana othile owayegula ngengqondo. Ngale mini lo mfana wayenomsindo. Lo mfana wayedikwe kukuba lonke ixesha xa enento ayenzayo apha ecaweni kuthiwa makaphume phandle okanye kuthiwe makathule cwaka. Xa kuculwa ingoma wayesuka lo mfana akhwaze kakhulu kuvakale ilizwi lakhe yedwa. Ukuba umfundisi uyashumayela, lo mfana wayekhwaza kakhulu atsho ngo-Amen omkhulu. Oku kukhwaza kwabaphazamisa abantu ecaweni. Ngenye intsasa yangeCawe wakhwaza lo mfana wathi, "Isidalwa esingumntu nokuba loluphi uhlanga, siyalingana phambi kobuso bukaThixo." Lo mfana wawathetha la mazwi kubonakala ukuba unomsindo, uyayicaphukela le nto yokumana ekhutshwa ecaweni.
- 2 Kanti ke inyanisile le ntetho. Oku kucalu-calulana akungomthetho kaThixo. Iinkolo ezi zonke zisebenzela uYehova. Kwahluka nje iindlela zokubiza amagama nendlela ekuqhutywa ngayo kwinkolo nganye. Kaloku ikhaya ngalinye linamasiko nezithethe zalo. Yijo le nto uva kusithiwa imizi ayifani ifana ngeentlanti okanye izakhiwo nje kuphela. Ngaphandle kokwahluka kweenkolo ngeenkolo, umzekelo, ubuKrestu, ubuHindu, ubuRasta nezinye, inkolo ithi iyodwa ibe ngathi iziinkolo ezininzi. Umzekelo, ubuKrestu buneenkonzo ngeenkonzo. Ithi inkonzo inelo gama niyazi ngalo isuke ibe nezinxibo ngezinxibo ezahlukeneyo. Zizinto zalapha emhlabeni zonke ezo. Sonke inye indawo esiyisebenzelayo – liZulu.

[Eli nqaku lithathwe kwincwadi-Masikhanye ibanga-12]

Iglosari	
linkonzo	licawe/ iindawo zokukhonza

Kumhlathi woku-1:

- 1.3.1 Caphula ibinzana apha kulo mhlathi elibonisa ukuba lo mfana wayengaphilanga. (1)
- 1.3.2 Chaza ukuba yintoni le yabangela ukuba lo mfana abe nomsindo. (1)
- 1.3.3 Nika izinto zibe mbini ezazisenziwa ngulo mfana ecaweni, ezazibangela ukuba agxothwe. (2)

Kumhlathi wesi-2:

- 1.3.4 Xela ezinye iindidi zeenkolo zibe mbini, ngaphandle kwezi zixelwe kulo mhlathi. (2)
  - 1.3.5 Ingaba iinkolo ezi zisebenzela bani? (1)
  - 1.3.6 Umbhalu weli nqaku uthi yeyiphi le ndawo esiyisebenzelayo? (1)
- [8]

## ICANDELO B USHWANKATHETO

### UMBUZO 2

**Funda esi sicutshulwa singezantsi usishwankathelo ngawakho amazwi.**

#### QAPHELA:

- Bhala amagama angama-60 ukuya kwangama-70 ukubonisa ukuqonda.
- Bhala ingongoma ibe NYE kwisivakalisi ngasinye.
- Ungabhalo izivakalisi **ezihlalu ezinomthamo OKANYE**
- Umhlathana **OKANYE**
- Incoko.
- Isivakalisi okanye ingongoma nganye mayiqale ngesenzi.
- Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo ezantsi kwenishwankathelo.

#### NDIYABATHANDA ABAHLOBO BAM NGENTLIZIYO YAM YONKE



Sonke singabantu siyafuna ukuba nabahlobo abasenyongweni. Xa unguamtana omncinane ukhula, usapho lwakho lolona lubaluleke kakhulu ngaphezu komntu wonke. Kodwa xa ukhula kufuneka ungahlobani nabantu bakowenu kuphela. Kufuneka uzame ukwazi abantu ngabantu nezinto abanomdla kuzo. Xa uneminyaka eli-13 ukuya phezulu kulula ukwenza abahlobo abalingana nawe. Abahlobo bakho banolu lwazi nawe unalo, ngoko kulula ukuncokola nabo. Abahlobo bakwenza uzive wamkelekile. Kuba nzima kakhulu kwaye kubuhlungu xa uziva ungamkelekanga ebantwini ocinga ukuba ngabahlobo bakho kwaye ucinga ukuba bayakuthanda.

Ukufumana abahlobo kunganzima kakhulu. Kufuneka umntu abe nexesha elaneleyo kunye nomonde. Ukulindela into yokuba ibe ngomnye umntu oza kuwe akuncokolise kukuzilibazisa nje. Kaloku "Nguwe" ekufuneka uye emntwini umncokolise. Le nto iba yingxaki kulutsha olusakhulayo kuba umntu woyika ukungamkelwa. Enye indlela yokwenza abahlobo kukudibana nabanye abantu abathanda izinto ozithandayo nawe. Esikolweni abantu bayakwazi ukuba ngabahlobo kuba bethanda imidlalo efanayo okanye izifundo ezithile.

Okokuqala kubalulekile ukuba ube ngumntu onenyani. Yiba ngulo mntu unguye untaguquguquki. Musa ukukhawuleza ugxeke abanyeabantu ukhomba iimpazamo zabo. Ukugxeka kuza kwenza kube nzima kakhulu ukufumana abahlolo. Kulula kakhulu ukufumana abahlolo ukuba unengqondo ekwaziyo ukucingela abanyeabantu. Babuze abanyeabantwana ofunda nabo ngezinto abanomdla kuzo ezinjengomculo nemidlalo. Babuze imibuzo ngamakhaya abo nemvela phi yabo. Khumbula ukuba abantu bayathanda ukuthetha ngeziqo zabo. Mncome umntu owenza izinto ezintle. Xa umntu ekujongile, mncumele. Ukuba kukho omnye umntu othetha nawe, mphendule ngobubele.

Oyena mhlobo ngulowo ukuthandayo nokukhathaleleyo. Lo mhlobo akacingi kaninzi xa kufuneka ekuncedile. Ngumntu onokumxelela zonke iingxaki zakho ungenaxhala lokuba uza kuhamba ethetha ngawe ebantwini. Abahlolo benene ngabo unokuya kubo xa ufunu uncedo. Kufuneka ubaxelete inyaniso ukuze bakuxhase ngawo onke amaxesha. Umhlobo wenene ukwenza uziwe wamkelekile kwaye ungumntu oxabisekileyo. Umhlobo wenene ngumntu ongasokuze akushiye, usoloko ekunye nawe ngakumbi ngamaxesha anzima.

Impilo entle ibangelwa bubudlelwane obuhle phakathi kwabahlolo. Kubalulekile ukubambisana kubekho umanyano phakathi kwabahlolo. Kuthi kwakuba mnandi, kube njalo, wonke umntu abe neminqweno emihle ebomini. Ubuhlolo iba bubuhlolo ngokuthi nenzelane ubuntu. Ubuhlolo bufuna abantu abathembekileyo nabanyanisekileyo.

[Indyebi: V.Nomlomo no-T. Voyi]

**10 amaqaku**

## ICANDELO C ISIHOBE

**Phendula yonke imibuzo esetwe kwimibongo.**

### UMBUZO 3

#### 3.1 UMBONGO ONGAFUNDISWANGA

Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

##### ENZULWINI: M. M. Duka

- 1 Sasiselwandle ngeKilimesi,  
Babebaninzi abantu kunyakazela,  
Babekho phaya esantini  
Abatsibatsiba okwemivundla.
- 2 Bambi bedlaladlala elunxwemeni  
Amaza ebetha iqatha,  
Babambene behlekela phezulu,  
Bengathandi ukuya enzulwini.
- 3 Enzulwini kumnandi kuseGcibhala kwiindadi,  
Zidade okweentlanzi, zithi tshoniyan,  
Ziphinde zithi thu emzuzwini zidlala namaza,  
Kuluyolo kuzo ukuhamba ngeliza.
- 4 Ngokuhlwa ekhayeni sancokola  
Ngomcimbi onencasa wemfundo eyiyo;  
Noko kuhle ukujala enyeleni  
Masiye kuyo inzulu yolwazi.

Kwisitanza soku-1:

- 3.1.1 Nika indawo ababekuyo aba bantu ngale mini. (1)
- 3.1.2 Chonga igama elibonisa ukuphithizela kwabantu kumqolo wesi-2. (1)
- 3.1.3 Bhala phantsi **isifaniso** esisetyenziswe yimbongi. (1)

Kwisitanza sesi-2:

- 3.1.4 Babedlala phi abanye abantu? (1)
- 3.1.5 Ayebetha ndawoni amaza emzimbeni? (1)
- 3.1.6 Khankanya into ebonisa ukuba abantu abafuni ukuya enzulwini. (2)

Kwizitanza sesi-3:

3.1.7 Kuphi eGcibhala? Khetha impendulo kwezi:

- A Yindawo ekugcinwa kuyo izilwanyana.
- B Yindawo apho kumnandi khona okanye.
- C Yindawo yokungcungcutheka.

(1)

3.1.8 Kumqolo wesi-4, khangela **isithethantonye** seli gama, "kuluvuyo".

(1)

3.1.9 Kwizitanza sesi-4: Imbongi ithi makuyiwe phi?

(1)

[10]

### 3.2 IMIBONGO EFUNDISIWEYO

#### UTHANDO LOBUZALI: M. M. M. Duka

- 1 Thando lobuzali, thando oluyinqobo.  
Thando olungummangaliso elibuThixorha.  
Lugubungela njalo oklwandle  
Zonke iimpazamo zethu.
- 2 Luxhalabile bubuthathaka babantwana balo.  
Londla neenkedama ezizimo zicekethekileyo,  
Londla ngobusi nentusi eyiyo,  
Ubusi nobisi lwemfesane yenene.
- 3 Lusiso isiseko sobuntu bethu.  
Sakuhexa eso siseko kushukuma ilizwe.  
Ziwe zidilike ezinye izizwe.  
Zibhange ziphele zibhubhe emhlabeni.
- 4 Olu thando luxhasa umzaneno,  
Lukwanguwo nomzaneno wekhaba.  
Lulilitha kwiintsunguzi zomhlaba,  
Amahlathi amnyama obu bomi.
- 5 Obu bomi obunamakrele,  
Neentsini ezingamakrele.  
Olu thando yinkuselo kumakrele,  
Lulikhaka nekrele kumzabalazo wokuphila.
- 6 Ndithini na ukuthetha ngalo olu thando?  
Lufikelela mbombo zone zehlabathi.  
Lunabantwana abayintlabathi yehlabathi.  
Luneminqweno emihle okweenkwenkwezi zezulu.

Kwisitanza soku-1:

- 3.2.1 Cacisa ukuba uthando oluyinqobo luthando olunjani? (1)
- 3.2.2 Chonga igama elithetha into enye **nokufihla** kumqolo wesithathu. (2)

Kwisitanza sesi-2:

- 3.2.3 Nika **isafobe** esisetyenziswe yimbongi kumqolo wesine. (1)

Kwisitanza sesi-3:

3.2.4 Yintoni umsebenzi wothando lobuzali? (2)

3.2.5 Nika umzekelo we**mfanozandi**. (1)

Kwisitanza sesi-5:

3.2.6 Shwankathela ngesivakalisi esinye okuthethwa yimbongi kwesi sitanza. (2)

Kwisitanza sesi-6:

3.2.7 Nika **isixhobo sokubonga** esisetyenziswe yimbongi kumgca/kumqolo  
woku-1. (1)  
[10]

### 3.3 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo:

#### UTHANDO: P. M. Mafilika

- 1 Maxa wambi luchulumanco  
Maxa wambi yincindi yekhala  
lingcambu zakho azaziwa ezweni  
Wena ufana nemozulu;  
Wena uyi-erosi kumaGrike  
Usisikhondo sentliziyo e-Afrika.
- 2 Kwabanye udala ulonwabo  
Kwabanye udala unxunguphalo  
Wena awufuni bhetyebhetye  
Ufuna umntu onomqolo;  
Wena erosi kumaGrike  
Sitya sobungcwele e-Afrika.
- 3 Uxwaya i-ethe-ethe,  
Ulise kwaNtsonganyawana  
Kanti isomeleli  
Usishiya sithe qoko.  
Wena erosi kumaGrike  
Siseko solwendo e-Afrika.

Kwisitanza soku-1:

3.3.1 Nika **isixhobo sokubonga** esisetyenziswe yimbongi kwimigca/

kwimiqolo yokuqala emibini. (1)

3.3.2 Kutheni imbongi ifanisa uthando nemozulu? (2)

3.3.3 Nika **isafobe** esisetyenziswe kumqolo wesi-3. (1)

3.3.4 Cacisa okuthethwa kumqolo wesi-6. (1)

Kwisitanza sesi-2:

3.3.5 Shwankathela ngawakho amazwi okuthethwa yimbongi kumqolo wesi-5 nowesi-6. (2)

3.3.6 Ibhetyebhetye ngumntu onjani? Khetha impendulo kwezi:

- A Ngumntu otyebileyo.
- B Ngumntu ongomelelanga.
- C Ngumntu oligeza. (1)

Kwisitanza sesi-3:

3.3.7 Kuphi kwaNtsonganyawana? (1)

3.3.8 Caphula umgca/umqolo apho imbongi isebezise **isifanekisozwi.** (1)  
**[10]**

**30 amanqaku**

## ICANDELO D      UKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 4

Bhala kwakhona ezi zivakalisi zingezantsi uze ubhale **ISINCIPHISO** endaweni yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi:

- 4.1 Wangena umfo kuloo ndlu yayinamadoda. (1)  
4.2 Uqhube imoto yakhe waleqa eKapa. (1)  
4.3 Ilokhwe zabo ziyifanele loo mizimba yabo. (1)
- [3]**

### UMBUZO 5

Bhala kwakhona ezi zivakalisi zingezantsi uze unike **ISICHASI** segama elikrwelwe umgca ngaphantsi:

- 5.1 UNomsa yintwazana etyebileyo. (1)  
5.2 Ndithenge isonka esibandayo. (1)  
5.3 Vula umnyango kuyabanda. (1)
- [3]**

### UMBUZO 6

Gqibezela le tshati njengoko ubonisiwe:

Umntwana	lo	ngumntwana	olungileyo.
Indoda	6.1 _____	yindoda	elungileyo.
Abantu	aba	ngabantu	6.2_____.
Izilwanyana	ezi	6.3_____	ezilungileyo.
Usana	6.4	lusana	olulungileyo.

**[4]**

## UMBUZO 7

Bhala kwakhona ezi zibizo zingezantsi zibe kwi**SANDISO**.

- |     |         |     |
|-----|---------|-----|
| 7.1 | Ilizwe  | (1) |
| 7.2 | Umlambo | (1) |
|     |         | [2] |

## UMBUZO 8

Bhala kwakhona ezi zivakalisi zingezantsi uze usebenzise **IZIVUMELANISI** ezifanelekileyo ukuze icace kwaye ivakale intetho yakho.

- |     |                                    |     |
|-----|------------------------------------|-----|
| 8.1 | Usisi uthenge ijezi (-tsha).       | (1) |
| 8.2 | Le venkile ithengisa ukutya (-bi). | (1) |
| 8.3 | Le ncwadi endiyifundayo (-khulu).  | (1) |
| 8.4 | Ilokwe yale ntombazana (-dala).    | (1) |
|     |                                    | [4] |

## UMBUZO 9

Bhala ezi zivakalisi uze **ufakele amagama abuzayo/ iimpawu zemibuzo** kwezi zivakalisi ukuze zinike intsingiselo. Khetha kula magama:

phi	ngubani	kutheni
9.1	_____ othathe le mali?	(1)
9.2	Bafunda _____ aba bantwana?	(1)
9.3	_____ nisitshona nje isiXhosa?	(1) [3]

## UMBUZO 10

Bhala ezi zivakalisi zingezantsi **kwimo elandulayo**.

- 10.1 Abantwana besikolo badiniwe. (1)  
10.2 Nanku umntu othethayo. (1)  
10.3 Thina sibhaka izonka. (1)  
**[3]**

## UMBUZO 11

Bhala kwakhona ezi zivakalisi zingezantsi zibe **KWINGXELO-NTETHO**.

- 11.1 UThandi: "Ndiya esikolweni namhlanje." (1)  
11.2 UJohn: "Niya phi?" (1)  
11.3 Utata: "Ruth, hlamba izitya." (1)  
**[3]**

## UMBUZO 12

Nika **isalathandawo** segama ngalinye elikwisibiyeli:

- 12.1 Ndiya (makhulu) ngoDisemba. (1)  
12.2 Kufike iindwendwe (khaya). (1)  
12.3 Kukho imifanekiso (incwadi). (1)  
**[3]**

## UMBUZO 13

Bhala kwakhona ezi zivakalisi zingezantsi uze usebenzise **isimelabizo** esifanelekileyo. Khetha kwezi:

<b>yona</b>	<b>yena</b>	<b>nina</b>	<b>wona</b>
-------------	-------------	-------------	-------------

- 13.1 Utata \_\_\_\_\_ usebenza edolophini. (1)  
13.2 \_\_\_\_\_ anifuni kusebenza. (1)  
**[2]**

<b>30 amanqaku</b>
--------------------

**Ewonke amanqaku: 100**